URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Mandiso Jonas**
ICandelo le-*eLearning*
Mandiso.Jonas@westerncape.gov.za | 021 828 3067

Inombolo yefayili: 24/2/3/P Schools IT Service desk SOP
Isalathiso: 20250728-5427

ISetyhula: 0020/2025
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*FET*, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isishwankathelo esifutshane: IMigaqo yokuSebenza eMiselweyo yokufonela/yokuthumela umyalezo ukucela uncedo *(logging calls) kwitekhinoloji*

**Isihloko: IMigaqo yokuSebenza eMiselweyo yokufonela/yokuthumela umyalezo ukucela uncedo (*logging calls*) kwi-Ofisi yeeNkonzo ze-*IT* yeZikolo (*Schools IT Service Desk*)**

1. Umsebenzi we-Ofisi yeeNkonzo zeTekhinoloji yeNgcaciso (*IT)* yeZikolo (*Schools Information Technology* (*IT*) *Service Desk*) kukunika inkxaso yokusetyenziswa kwezixhobo zetekhinoloji (*technical support*) kuzo zonke izikolo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*).

2. I-Ofisi yeeNkonzo zeTekhinoloji yeNgcaciso yeZikolo yiyo yodwa indawo yoqhagamshelwano eyenzelwe abasebenzisi bezixhobo ze-*IT* (*end user IT)* zeZikolo zeSebe i*WCED*. Yonke imiba eyenzeke kwizixhobo zetekhinoloji makufonwe/makuthunyelwe imiyalezo ngayo ukucela uncedo ngabasebenzisi abajongene nezixhobo zeTekhinoloji okanye isistim yeTekhinoloji yeNgcaciso noNxibelelwano (*Information and Communication Technology)*.

3. Ingcaciso efuneka phambi kokuqalisa ukufowuna/ukuthumela umyalezo ukucela uncedo, iqhotyoshelwe kule setyhula. (**Makufundwe isiHlomelo A**)

4. Iinkcukacha zoqhagamshelwano ze-ofisi yokunika inkxaso yokusetyenziswa kwezixhobo zetekhinoloji (*technical support*) zezi zilandelayo:

| **Igama** | **Inombolo yefoni** | **Idilesi ye-imeyili** | **U-*WhatsApp*** |
|---|---|---|---|
| Schools IT Service Desk | 021 834 4690 | SchoolsIT.Servicedesk@westerncape.gov.za | 021 900 7123 |

5. Ukuba nifuna ingcaciso eyongezelelweyo, kucelwa ukuba ningene kweli ziko lewebhu lilandelayo nisebenzisa le linki ye-*URL* kubonelelwe ngayo kule theyibhile ingezantsi:

| Iziko lewebhu | Ilinki ye-*URL* |
|---|---|
| *WCED ePortal* | https://wcedeportal.co.za/the-enabling-environment |

6. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile setyhula bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE**: NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2025-08-05